



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL ASSESSMENT GENERAL EDUCATION CERTIFICATE (GEC)

2023 GRADE 9 PILOT STUDY

Isifundo: IsiXhosa ulwimi lokuqala olongezelelweyo 9 (FAL)

Amanqaku: 70

Ixesha: 150 imizuzu
akufakwanga imizuzu eli-15 yokufunda

Olu vavanyo lunamaphepha ali-24 kungabalwanga iphepha eligqumayo.

Imiyalelo eya kubafundi

1. Uza kunikwa imizuzu eli-15 yokufunda phambi kokuba ubhale olu vavanyo.
2. Funda imiyalelo nemibuzo ngocoselelo.
3. Phendula yonke imibuzo.
4. Sebenzisa incwadana oyinikiweyo ukuphendula imibuzo.

Uvavanyo luqala kwiphepha elilandelayo.



Musa ukutyhila iphepha de uyalelwe ukulityhila

Umbuzo 1 Uvavanyo lokuqonda

Funda esi sicutshulwa wandule uphendule imibuzo elandelayo.

IIMPEMBELELO ZEMIDLALO YEEVIDIYO EBANTWANENI

- 1 Umnumzana William Higinbotham waqulunqa imidlalo yeevidiyo ukubonisa ukuba iinzululwazi azikho malunga neemfazwe kunye nokutshatyalaliswa kwehlabathi. Ukususela mhla umdlalo wokuqala weevideyo waziswa malunga nonyaka wama-1962, le midlalo iye yanda ngesona isantya siphuzulu.
- 2 Abantwana bachitha ixesha bedlala imidlalo yeedijithali ngokugqithisileyo. Oku kwenziwa ngundlela lula wokufumaneka kolwazi abalufunayo kunye neendlela zokuchitha isithukuthezi. Ulutsha lusebenzisa iqonga lokunxulumana nabanye ngokusebenzisa iwebhusayithi zokuncokola nezasemoyeni. Abavelisi bezi videyo abemanga, bathe gqolo ukuvelisa iintlobontlobo zale midlalo. Ezinye zibalungele abantwana ezinye zibambisa amazinyo. Akulula ukuzilawula xa usele ungene kuzo.
- 3 Ezi videyo zenziwe ngobuchwepheshe bobuxhakaxhaka, zibonakale zinobunyani xa bezidlala. Oku ke kuyakuhlala kutsala umdla wabantwana kwanabo bazithandayo. Ngaloo ndlela, le midlalo ithatha indawo yezinye izinto ezifana nokubaleka nokuhamba-hamba. Le midlalo ibangele iingxoxo ezinzima ezimalunga neziphumo ezingaginyisi mathe umzekelo, ukutshintsha kwendlela ingqondo esebenza ngayo, ukuyeka ukunxulumana nabantu nokuzicebula kubantakwabo. Zibalukhwekhwe lwexhwili kulowo uzidlalayo de zikwenze ube likhoboka lazo. Zichaphazela ingqondo ngokufanayo neziyobisi. Abantwana abalifumani ithuba lokuba ngabantwana nokudlala imidlalo yangaphandle. Bathi bakuyalelwa ukuba basebenze, ubabone becuntsula kule nto yabantwana.
- 4 Kukwakho nenkolelo yokuba le midlalo ayenzelwanga mantombazana. Intombazana xa ingumdlali iyaxhatshazwa ngabanye abadlali abangamakhwenkwe. Ixelelwa zisuka ukuba indawo yayo iseziko. Oku

kunyemba kuye kube ngunobangela wokukhula kodandatheko nokuxhalaba nokungazithembi emantombazaneni. Uphando lubonisa ukuba ukudlala ngokugqithisileyo kukhokelela ekudinweni komzimba, nokungabikho kwenkuthazo efezekisa iinjongo ezahlukeneyo zobomi. Kwakhona ulutsha lucinga ukuba ukudlala ezi vidiyo kunciphisa udandatheko lomphefumlo kodwa akunjalo ziyakukhoboza.

5 lingozi zizinto abajongene nazo kwaye oku kudlala kunegalelo ekuqokeleleni iziphumo ezibi nezihle. Abazali banenkxalabo yokungabikho konxulumano kubantwana babo kunye nabantu abakufuphi kubo. Uyakumva omnye umntu ebuza umntwana ukuba “usoloko uzidlala njalo ezi vidiyo”? Kukholeleka ukuba zandisa ixesha abalichitha ekhaya oku kuchaphazela unxibelelwano olungunozala wamalolo.

6 Kubonakala ukuba urhulumente akakwazi ukungenelela abeke imithetho engqingqwa yokudlala ezi vidiyo. Abazali behla benyuka ukuzama ukusombulula olu xanduva kwaye nabo badlala indima enkulu ekuthengeleni abantwana ezi khowunsowuli. Baqaphela xa sele konakele ukuba abantwana babo ngamakhoboka ale midlalo. Abazali bayacetyiswa ukuba balawule abantwana babo ekudlaleni le midlalo. Ulutsha maluvule amehlo, nalu utshaba emnyango.

[Esi sicutshulwa sithatyathwe kwi-inthanethi www.vypanda.com saza sahlelwa ukulungiselela uviwo].

1.1 Xela isizathu sibe sinye esenza abantwana bale mihla bachithe ixesha elininzi kwimidlalo yeevidiyo.

- A Bafunda ngamahla ndenyuka obomi.
- B Zibanceda kwizibalo.
- C Zibachithisa isithukuthezi.
- D Ziphelisa iinzingo abajongene nazo.

(1)

1.2 Ngubani owaqulunqa le midlalo yeevidiyo?

- A William Wordsworth
- B William Higinbotham
- C Mark Knoffler
- D Mark Boucher

(1)

1.3 Khetha intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi.
'Ezinye zibalungele abantwana ezinye **zibambisa amazinyo**'

- A Kuthetha ukuba zibalekisa umzimba
- B Kuthetha ukuba zenza ubambe amazinyo
- C Kuthetha ukuba zibalekisa umntu
- D Kuthetha ukuba ziphume endleleni

(1)

1.4 Ngoobani abachitha ixesha elininzi bedlala le midlalo yeedijithali?

- A Ngabaqulungqi bale midlalo yeedijithali.
- B Ngabazali babantwana abathanda le midlalo.
- C Ngabantwana abangabadlali.
- D Ngootitshala babo ezikolweni.

(1)

1.5 Nika ubungqina ngokwalapha kwisicatshulwa obuxhasa esi sivakalisi singezantsi.

'Inzululwazi ayikho malunga nokutshabalalisa'.

- A Ukusebenzisa iwebhusaythi zokuncokola emoyeni.
- B Ezi vidiyo zenziwe ngobuchwepheshe nobuxhakaxhaka.
- C Inzululwazi azikho malunga neemfazwe kunye nokutshatyalaliswa kwehlabathi.
- D Inzululwazi zisetyenziselwa ukwenza izixhobo zemfazwe nokutshabalalisa.

(1)

- 1.6 Khetha kwezi zivakalisi zingezantsi esishwankathela kakuhle umyalezo wesicatshulwa?
- A Ezi vidiyo zinika umdla kwabo bazidlalayo.
 - B Ezi vidiyo zenziwe ngobuchwepheshe bobuxhakaxhaka zibonakale zinobunyani xa bezidlala.
 - C Ezi vidiyo zisengela phantsi ixesha lokufunda.
 - D Ezi vidiyo zinobungozi obugqithisileyo ebantwaneni. (1)
- 1.7 Yeyiphi ingcingane ephambili equlathwe ngumhlathi wesi-4 kwesi sicutshulwa?
- A Ukulungiswa kwemiba egwenxa yemidlalo yeevidiyo.
 - B Amanyathelo anokuthatyathwa xa kumiselwa ulawulo lwale midlalo.
 - C Ziziphumo ezingathandekiyo eziyinxalenye yale midlalo.
 - D Ingcamango yeyokuba urhulumente akazibandakanyi kule midlalo. (1)
- 1.8 Sesiphi isiphumo esingaginyisi mathe, esinokuchaphazela abantwana abangabadlali bezi vidiyo ngoko mhlathi wesi-5?
- A Uxinzelelo lwamehlo
 - B Inkathalo engemnandi yabazali.
 - C Ukuncitshiswa kwexesha lokudlala
 - D Kukuzicebula kubahlobo babo kunye nabantakwabo. (1)
- 1.9 Olu chasaniso 'ukwehla unyuka' luthetha ukuthini ngokomxholo wesi sicutshulwa?
- A Ukuquqa ubuyelela
 - B Ukwehla intaba
 - C Ukunyuka ngokugxama
 - D Ukwehla ngokukhawuleza. (1)

1.10 Ungakanani umahluko wokwanda kwemveliso yale midlalo xa uwuthelekisa nonyaka wama-1962 nalo umiyo wama-2023?

- A Imveliso ihle ngelona qondo loyikisayo.
- B Inyuke kancinci kunaxa ithelekiswa nonyaka wama-1972.
- C Le mveliso yanda ngesantya esiphezulu, kwaye iyakhawuleza.
- D Umlinganiselo ulawulwa ngurhulumente bathi akukho mahluko. (1)

1.11 Umbhali unika eyiphi ingcamango ngale midlalo yeevidiyo?
“Ziziphumo ezingathethekiyo eziyinxalenye yale midlalo “

- A Zibangele abazali baphelelwe yimali kuba kufuneka bezithengile.
- B Zibangele abazali bangakwazi ukulawula abantwana.
- C Zibangele iingxoxo ezinzima neziphumo ezingaginyisi mathe.
- D Zibangele iingxoxo ezoyise urhulumente ngale midlalo. (1)

1.12 Yinyani okanye bubuxoki? Imidlalo yeevidiyo ichaphazela ingqondo ngokufanayo neziyobisi.

- A Yinyani kuba ubalikhoboka lazo, zonakalisa ingqondo kwaye ziyakulawula.
- B Bubuxoki kuba kuzo uyakhedama ulindele umzali wakho akwenzele yonke into.
- C Bubuxoki kuba azinabungozi zizisa ulonwabo ebantwaneni kunye nakubadlali bazo.
- D Yinyani kuba imidlalo yeevidiyo ichaphazela ingqondo ngokungafaniyo neziyobisi. (1)

1.13 Bonisa ukufana nokwahluka phakathi kwevidiyo zokudlala kunye nemidlalo yangaphandle.

- A Ividiyo azifuni matyutyuse yona imidlalo yangaphandle iyadlalwa nangamatyutyuse.
- B Kwiividiyo akusetyenziswa amandla kodwa imidlalo yangaphandle kusetyenziswa amandla.
- C Ividiyo zisebenzisa ii-elektroniksi nengqondo yona imidlalo ngumzimba namandla.
- D Akubalekwa kuzo zombini kuba awukho umahluko eziwenzayo kubadlali bazo. (1)

1.14 Nika intsingiselo yeqhalo elikrwelelwe umgca ngaphantsi (kumhlathi wesi – 3)

- A Izinto ezingavami ukohlukana
- B Izinto ezihamba kunye
- C Izinto ozisebenzisa kunye
- D Izinto ezihlala zikunye (1)

1.15 Yeyiphi imvakalelo yombhali enikwa sesi sivakalisi singezantsi malunga namantombazana adlala le midlalo?

“kukwakho nenkolelo yokuba le midlalo ayenzelwanga mantombazana”

- A Imvakalelo yokuhambisana namantombazana adlale namakhwenkwe
- B Imvakalelo yokuhambisana namantombazana ayeke le midlalo
- C Imvakalelo yokuhambisana namantombazana adlale le midlalo
- D Imvakalelo yocalu-calulo ngokwesini ngale midlalo (1)

1.16 Chonga ingcingane ephambili yombhali apha kwesi sicutshulwa.

- A Kukuxhobisa abazali bathathe ingqalelo ngabantwana babo abadlala le midlalo yeevidiyo kuba zinobungozi.
- B Kukuxhobisa abazali ukuba mabathenge yonke le midlalo.
- C Kukuxhobisa abazali ukuba bathengele abantwana idijithali.
- D Kukuxhobisa abazali ukuba ezi vidiyo ziyafikeleleka. (1)

1.17 Msebenzi mni owenziwa ziimpawu zobhalo ezifumaneka kwisivakalisi esingezantsi?

“Intliziyo zoolova ziba ligazi xa kumke umbane”

- A Zisebenze njengesingxi
- B Zisebenze njengophawu locaphulo
- C Zisebenze njengesinqumamisi
- D Zisebenze ukubonisa ukuba lo ngumbuzo (1)

1.18 Bonisa inkxalabo yabazali evezwa leli binzana likwesi sivakalisi singezantsi (kumhlathi wesi 5)

“Usoleko uzidlala njalo ezi vidiyo”

- A Babonisa umdla kule midlalo
- B Ubonisa ukungaboni ngasonye naye
- C Ubonisa ukuba le nto asoleko eyidlala ayithandeki
- D Ubonisa inkuthazo apha ekudlaleni (1)

1.19 Mvakalelo ni eboniswa ngumbhali kwesi sicutshulwa (kumhlathi wesi-4?)

- A uvuyile
- B udanile
- C uqumbile
- D ukhathazekile (1)

1.20 Ingaba esi sicutshulwa sijoliswe koobani?

- A Kubazali
- B Kubantwana
- C Kubaqambi bale midlalo
- D Kubathengi, abazali kunye nabadlali. (1)

1.21 Loluphi ulwimi olucaciswa sesi sivakalisi singezantsi?

“Ukudlala ngokugqithisileyo kukhokelela ekudinweni komzimba”

- A Lulwimi olulumkisayo
- B Lulwimi olulukuhlayo
- C Lulwimi olucengayo
- D Lulwimi oluqhathayo (1)

1.22 Chonga isivakalisi esibonisa ukuba umbhali ulumkisa abazali ngale midlalo yeevidiyo.

“Iingozi zizinto abajongene nazo kwaye oku kudlala kunegalelo ekuqokeleleni iziphumo ezibi nezihle”

- A Mabaqonde ukuba le midlalo ineziphumo ezibi nezihle
- B Mabaqonde ukuba le midlalo ayinabo ubungozi
- C Mabaqonde ukuba abantwana baza kuzuza lukhulu kule midlalo
- D Mabaqonde ukuba abantwana baza kuya kumanqwanqwa aphezulu ngale midlalo (1)

1.23 Ngokokucinga kwakho ulibona linjani ikamva lale midlalo?

- A limfiliba
 - B lihle kakhulu
 - C liqaqambile
 - D alikho
- (1)

1.24 Khetha intetho ecacileyo eshwankathela kakuhle okuqulethwe kumhlathi wokugqibela?

- A Omakuyekwe xa kulungiswa umba wemidlalo yevidiyo.
 - B Amanyathelo anokuthatyathwa xa kumiselwe ulawulo lwale midlalo.
 - C Ukungabinanyani kwabazali, bayakhala zezividiyo kodwa bayazithenga.
 - D Abazali bame nabantwana babo, bayabakhusela kule midlalo.
- (1)

1.25 Usifundisa ntoni umbhali ngesi sicutshulwa?

- A Usikhuthaza ukuba sithenge ezi vidioyo.
 - B Ufuna abafundi batshintshe iindlela abazithatha ngayo ezi vidioyo.
 - C Akafuni ukubona mntu odlala iividiyo.
 - D Ucebisa abazali ukuba babaze amehlo abo ebantwaneni malunga nezividiyo.
- (1)

[25]

Umbuzo 2

2.1 Isibhengezo-ntengiso

Funda esi sibhengezo-ntengiso silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuso

IIJOY PAD ZAKWASONY
Yonwaba ungayeki

Unayo iXbox?
Ufuna ukudlala imidlalo yeevidiyo?
Ndwendwela kwaSony ufumane ulwazi oluthe vetshe

KHAWULEZA
Ezimbini zokuqala uzifumana ngamaxabiso aphantsi

www.sony.co.za

Sithatyathwe kuwww.comix.com saze sahlelwa

2.1.1 Yeyiphi le mveliso efumaneka kule ntengiso?

- A yiplay station
- B yicontroller
- C yiXbox
- D yiJoy pad

(1)

2.1.2 Sijoliswe koluphi udidi lwabantu esi sibhengezo-ntengiso?

- A Sijoliswe kubantu abathanda imidlalo yeevidiyo.
- B Sijoliswe kumlisela nomthinjana.
- C Sijoliswe ebantwaneni abancinci.
- D Sijoliswe ebantwaneni abangamakhwenkwe. (1)

2.1.3 Chaza ukuba kutheni igama 'khawuleza' libhalwe ngamagama amakhulu.

- A Kukuxhesha abathengi
- B Kukukhwaza abathengi
- C Kukuloba abathengi
- D Kukucenga abathengi (1)

2.1.4 Uthenjiswa ntoni kwesi sibhengezo?


- A Uthenjiswa ukuba ukhawuleze uthenge
- B Uthenjiswa ukuba uthenge iplay station
- C Uthenjiswa ukuba undwendwele kwaSony
- D Uthenjiswa ukuba xa uthe wakhawuleza wafika kubantu bokuqala uza kuyifumana ngamaxabiso aphantsi (1)

2.1.5 Uthini umyalezo wale ntengiso?

- A Wokuba umntu azithengele iJoy pad yakwaLG ekudidi eliphezulu
- B Wokuba umntu azithengele iJoy pad yakwaSony ekudidi eliphezulu
- C Wokuba umntu azithengele iJoy pad yakwaDefy ekudidi eliphezulu
- D Wokuba umntu azithengele iJoy pad yakwaKelvinator ekudidi eliphezulu (1)

2: Ikhathuni

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.



[Sicatshulwe kuwww.bitstripsforschools.com saze sahlelwa]

2.2.1 Xela indawo abakuyo aba bantu bakule khathuni? (1)

2.2.2 Yintoni le ifanayo ikhalazelwa ngaba bantu bakule khathuni? (1)

- 2.2.3 Chaza imvakalelo yomntu okwisakhelo sesi-3? (1)
- 2.2.4 Yintoni le ingaqhelekanga efumaneka kwisakhelo sesi-3? (2)
- 2.2.5 Kutheni kusetyenziswe oonobumba abakhulu kwintetho yomntu okwisakhelo sesi-3 (2)
- 2.2.6 Tolika amazwi womntu okwisakhelo sesi-4 ngawakho amazwi. (1)
- 2.2.7 Chaza umyalezo odluliswa yile khathuni? (1)
- 2.2.8 Ingaba aba balinganiswa abakwisakhelo sesi-2 nesesesi-3 kule khathuni bavakalelwa ngendlela efanayo? Xhasa impendulo yakho (1)
- [10]**

Umbuzo 3

Isishwankathelo

Funda isicatshulwa ze ushwankathele **unike indlela zokuphila ngemali encinci** ngokwesi sicutshulwa.

1. Dwelisa iingongoma **ezisiXHENXE** kwizivakalisi.
2. Nombola izivakalisi ukusuka kwingongoma yoku-1 ukuya kweyesi-7.
3. Bhala ingongoma ibe **NYE** kwisivakalisi ngasinye.
4. Sebenzisa awakho amagama kangangoko unako.
5. Isishwankathelo kufuneka sibe ngamagama angama-70-80.
6. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.
7. Musa ukubhala sihloko kwisishwankathelo.

UNGAPHILA NJANI NGEMALI ENCINCI?

Ngaba uphila ngemali encinane ngenxa yeengxaki zoqoqosho zelizwe? Iindiyikityha zokufa, iintlekele zemvelo, izidubedube zopolitiko neemfazwe, zinokuchaphazela uqoqosho lwelizwe. Nangona usenokuba nexhala ngemeko yakho yezemali, zikho izinto onokuzenza ukuze ukwazi ukuphila kuqingqo-mali. Thelekisa umvuzo wakho neemfuno zakho uze ubone ukuba zeziphi izinto onokuchitha imali encinane kuzo nongazidingiyo ukuze ukwazi ukuphila ngemali onayo. Nika ingqalelo kwezi zinto zilandelayo:

Ukuba uneemoto ezimbini nangaphezulu, ungathengisa enye. Ukuthengisa enye yeemoto zakho kungehlisa ixabiso lemali oyichithayo ekugaleleni amafutha kwiinqwelo eziliqela. Ungasebenzisa isithuthi sikawonke-wonke okanye ibhayisekile ukuziphumza ekugaleleni amafutha emoto. Cima okwethutyana izinto ezifana nesathelayithi okanye amanye amajelo kamabonakude. Unokusebenzisa amajelo angabizi kakhulu umzekelo, ungaboleka iincwadi kwithala leencwadi lasekuhlaleni. Ungacutha neetshaneli ezikumajelo kamabonakude.

Thethisana nosapho lwakho ngendlela abanokuwasebenzisa ngayo amanzi nombane nezinto ezifana namafutha emoto okanye ugesi ngendlela

efanelekileyo. Ukucima izibane nokonga amanzi kunye nombane. Oku kusenokubonakala kungeyonto ibalulekileyo kodwa ukuyenza kunokukunceda wonge imali. Endaweni yokuba utye ezivenkileni pheka ekhaya. Cwangcisa kwangaphambili oko uza kukupheka uze upheke ukutya okuninzi. Yenza uluhlu lwezinto oza kuzithenga ukuze xa ufika evenkileni ungathengi izinto ongazidingiyo. Thenga iziqhamo nemifuno ezithengiswa ekuhlaleni njengoko zingabizi mali ininzi. Kuphephe ukuthenga ukutya okungenamsoco. Thenga iimpahla ozifunayo, musa ukuthenga nje kuba ufuna ukuba sefashonini. Ukuthenga iimpahla zasehlotyeni ebusika uphinde uthenge iimpahla zasebusika ehlotyeni kungakongela imali kuba liyathotywa ixabiso lazo. Ukwenza olu tshintsho akuyi kukunceda wenze imali eninzi kuphela, kodwa kuya kukunceda ukuba uphile ubomi obunempilo.

[Sicatshulwe kuwww.jw.org saze yahlelwa]

Umbuzo 4

Funda esi sicutshulwa, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Ubuyile uThemba.

Mntwana wam xa unemfundo ufumene eyona ndoda yokwenene. Indoda ongekhe ngenye imini ufike ikuqumbele. Indoda engacinginto ngoqhawulo mtshato. Ndithetha indoda esoloko ikuqhubela kwimpumelelo. Umntwana onemfundo unento yonke kodwa ngolu hlobo uthetha ngalo mntwana wam undivisa kabuhlungu. Andifuni xa ufika kwela Rhawuti uze ulibale ngento ekuse phaya kuba abantu abaninzi baye balibaziseke ziziyunguma abadibana nazo. Xa sele bephaya umntu uyalibala aze angenzi oko ebekuyele, wena ke uze ungalibali ukuba emva ekhaya kunjani. Uze ungalisusi iliso lakho kubantakwenu, uThixo uyakulondoloza akutyhilele ubomi obunyulu, uze ungandiphoxi uyandiva Themba? Ndiza kukuyeka kodwa uyakundi khumbula. “Mama ndiyeke ndizibonele into yokungafundi kwam ayikufuni nganto ndimdala kakade”. Laphela elaa xesha lenu lobumnyama apho umntu ubenyanzelwa entweni engayifuni. “Ndikuvile Bhelekazi akutsho mna kambe kutsho wena, ukatsiwe nje ke ndiba uyazi okokuba isala kutyelwa sibona ngolophu. UThemba ukwindlela eza nganeno. Ezakhe iinjongo kukuthatha uZama abe ngumfazi wakhe weenkomo. Uyaxhakazela umfo yimpahla yakhe nezipho, uye wayoqala kulaa tatomkhulu wayehambe naye ngaphambili. UThemba wathi wakufika ekhaya, kwacaca ukuba unezinye iingqondo phofu azifumene kuloo Rhawuti yakhe. Ewe ngoko msebenzi wayephila ingxaki yayilapha ekhaya kuba iliso nentliziyo yakhe yayingasuki tu kwaphela kuZama awayethandana naye. Ekugqibeleni uThemba wathatha isigqibo sokuqhuba umhlambi weenkomo ukuya kulobola uZama kowabo.

[Sithatyathwe kwi-Intenethi saza salungiswa]

4.1 Chonga isibizo esimbaxa kwezi ezidweliswe ngezantsi.

- A utatomkhulu
- B umama
- C uzama
- D utata

(1)

4.2 Jonga isivakalisi esingezantsi uze uchaze ukuba hlobo luni lwesivakalisi.
“uThemba ukwindlela eza nganeno”

- A Isivakalisi esimbaxa
- B Isivakalisi esilula
- C Isivakalisi esixananazileyo
- D Isivakalisi esibuza umbuzo

(1)

4.3 Nika isithethantonye segama ‘ukatsiwe’ ngokomxholo wetekisi.

- A ubethiwe
- B uqeqeshiwe
- C wohlwayiwe
- D uyaliwe

4.4 Sebenzisa igama ‘ukuxhakazela’ kwisivakalisi unike isichasi salo.

- A UThemba uphethe iimpahla ezininzi esandleni
- B UThemba uphethe iimpahla esandleni
- C UThemba uphethe iimpahla ezisindayo esandleni
- D UThemba uphethe iimpahla ezingasindiyo esandleni

(1)

4.5 Khetha igatya eliyintloko kwesi sivakalisi silandelayo.

“Umntu wayenyanzelwa entweni engayifuni”

A Umntu wayenyanzelwa

B Umntu wayenyanzelwa ukuba afunde

C Wayenyanzelwa ukufunda

D Nokuba akafuni

(1)

4.6 Dibanisa ezi zivakalisi zibini ngesihlanganisi esichanekileyo.

“Mntwana wam. Unemfundo awusokuze usokole”

A kodwa

B xa

C nangona

D kwaye

(1)

4.7 Chonga isimnini kwesi sivakalisi silandelayo.

“Mntwana wam xa unemfundo ufumene eyona ndoda yokwenene

A eyona

B wam

C mntwana

D xa

(1)

4.8 Sisetyenziswe njani isihlomelo kwesi sivakalisi silandelayo

“Indoda esoloko ikuqhubela kokwayo”

A Sibonisa ubunjani

B Sibonisa ixesha

C Sibonisa indawo

D Sibonisa ubukhulu

(1)

4.9 Xela udidi lwesixando kwesi sivakalisi silandelayo.

“Indoda esoloko ikuqhubela kwimpumelelo”

A Isixando sokwenzana

B Isixando sokwenziwa

C Isixando sokwenzisa

D Isixando sokwenzela

(1)

4.10 Sebenzisa igama ‘umhlambi’ kwisivakalisi liphuhlise intsingiselo eyahlukileyo kweyesicatshulwa.

A Umhlambi weenkomo ongaziwayo ufunyenwe kumadlelo akwaTshangisa

B Umhlambi weegusha ufunyenwe izolo emapoliseni

C Umhlambi weebhokhwe ubiwe kwamalume

D Umhlambi weempahla zethu uthi intlawulo incinci kakhulu mayinyuswe

(1)

4.11 Khetha elinye igama endaweni yeli libhalwe ngezantsi elinentsingiselo eyahlukileyo kwezi.

‘ubumnyama.’

A Ixesha elimfiliba

B Ixesha lokukhanya

C Ixesha lasebusuku

D Ixesha lamandulo

(1)

4.12 Bhala esi sifinyezo ngokupheleleyo 'Nkszn'

- A nkosana
- B nkosikazi
- C nkosi
- D nkosazana (1)

4.13 Chaza umsebenzi wolu phawu lusetyenziswe kwisivakalisi esilandelayo.
Uze ungandiphoxi uyandiva Themba?

- A Lubonisa uyabuza
- B Lubonisa isikhuzo
- C Lubonisa isingxi
- D Lubonisa isiphumlisi (1)

4.14 Loluphi udidi lwesimelabizo olusetyenziswe kwesi sivakalisi singezantsi.
"Mntwana wam xa unemfundo ufumene eyona ndoda yokwenene"

- A Isimelabizo sokukhomba
- B Isimelabizo soquko
- C Isimelabizo soqobo sokugxininisa
- D Isimelabizo sochazo (1)

4.15 Khetha isivakalisi esibhalwe ngokuchanekileyo kwezi ozinikwe ngezantsi.

- A Umntwana onemfundo unento yonke
- B Umtwana onemfundo uneto yonke
- C Umntwana onefundo unento yonkhe
- D Umtwana onefundo uneto yonkhe (1)

4.16 Chaza ixesha lesenzi kwesi sivakalisi singezantsi
“Mama ndiyeke ndizibonele into yokungafundi kwam ayikufuni nganto ndimdala kakade”

- A Ixesha elizayo
- B Ixesha elidlulileyo
- C Ixesha eladlulayo
- D Ixesha langoku (1)

4.17 Guqula le ntetho ingezantsi ibe kwingxelo ntetho.
“Mntwana wam xa unemfundo ufumene eyona ndoda yokwenene”

- A Umama uthe xa ndinemfundo ndifumene indoda yokwenene
- B Umama uthe imfundo yindoda yokwenene
- C Umama uthe eyona ndoda yokwenene yimfundo
- D Umama uthe indoda yimfundo yokwenene (1)

4.18 Kwisivakalisi esilandelayo igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi linika ntsingiselo yimbi, khetha kwizivakalisi ezilandelayo?

“Abantu abaninzi baye balibaziseke ziziyunguma abadibana nazo”

- A Abantu abaninzi baye balibaziseke lulonwabo abadibana nalo.
- B Abantu abaninzi baye balibaziseke bubuvila babo.
- C Abantu abaninzi baye balibaziseke kukonqena.
- D Abantu abaninzi baye balibaziseke kukuhamba bedlala. (1)

4.19 Sibonisa ntoni isivakalisi sokuqala kwesi sicutshulwa?

“Mntwana wam xa unemfundo ufumene eyona ndoda yokwenene”

- A Ukubonisa ukubaluleka kwemfundo
- B Ukulumkisa abantu ngokubaluleka kwemfundo
- C Ukuxhobisa abantu ngokungabaluleki kwemfundo
- D Ukulumkisa abantu ngemfundo

(1)

4.20 Tolika eli binzana lilandelayo.

‘Abantu abaninzi’

- A umhlambi
- B ihlabathi
- C uMbo noMxesibe
- D inginginya

(1)

[20]

ISIPHELO

